**UBUSAZI?** Uhlahlo **LWABIWOMALI** sisicwangciso sendlela urhulumente athi achithe imali ngayo ngexesha elithile.



## YINTONI UHLAHLO LWABIWOMALI LUKAZWELONKE?

Qho **KWEYOMDUMBA** uMphathiswa wezeMali uye athi theca uhlahlo **LWABIWOMALI LUKWAZWELONKE**.TUmphathiswa uye axelele wonke umntu ngendlela uRhulemente aqokelela ngayo imali nezicwangciso malunga nendlela yenkcitha mali yeminyaka **EMITHATHU EZAYO**.

Uhlahlo lwabiwomali lukazwelonke lwahlula imali phakathi kwamasebe kaRhulumente kazwelonke, amaphondo noomasipala.



## KUTHENI URHULUMENTE KUMELE ENZE UHLAHLO LWABIWOMALI?

- Ukwenza ukhetho olungcono ngemali
- Ukulawula imikhwa yethu yokuchitha imali
- Ukugcina umkhondo weendleko zethu
- Ukulungiselela iimeko zongxamiseko
- Ukuhlawula imali yemboleko yelizwe
- Ukufezekisa iinjongo zethu



## 1



Amasebe angenisa **IZICWANGCISO ZENKCITHO** kunye neziphakamiso zohlahlo **LWABIWO-MALI KWISEBE LEZEMALI**

## 2



Imali yabelwa **IZINTO EZIZA** kuqala **KWIZICWANGISO ZENKCITHO**



# KWENZEKA NJANI UKUBA UHLAHLO LWABIWO-MALI LUDITYANISWE?

## 3



**NGENYANGA YOMDUMBA** uhlahlo **LWABIWOMALI** lifakwa **EPALAMENTE** ngokusemthethweni

## 4



**UMONGAMELI WESIZWE UYE AVUME** atyikitye uhlahlo lwabiwomali alwenze lube **SEMTHETHWENI**



# LUSEBENZA NJANI UHLAHLO LWABIWOMALI ?



- Imali **ONOKUYICHITHA YILE** onokufikelela kuyo.
- Inkcitho esebenza **KAKUHLE INAKO UKUKHULISA UQOQOSHO**



**INGENISO - INKCITHO =**

## ULUNGELELWANISO LO HLAHLO LWABIWOMALI

Ukuba ingeniso ilingana **nenkcitho oko kuthetha ukuba uhlahlo lwabiwo mali lulungelelwanisiwe**. Ukuba ingeniso ininzi ngaphezu kwe nckitho, oko kuthetha ukuba uhlahlo lwabiwo mali lune ntsalela. Ukuba inkcitho ininzi ngaphezu kwengeniso, oko kuthetha ukuba uhlahlo lwabiwo mali lunentsilelo kwaye urhulumente **kumele aboleke imali.**

**R2.04 TRILLION**
in 2024/25

- Lirhafu ezifana **NEYENGENISO YABANTU NERHAFU YENGENISO YEENKAMPANI KUNYE NERHAFU YEVAT**

- **INGENISO ENGEYIYO** eyerhafu iquka ingeniso esukakwamasebe nengeniso esuka **EKUTHENGISWENI KWEEASETHI.**



**R1.98 TRILLION**

**Inkcitho engena nzala**

**R391 BILLION**

**Iintlawulo zenzala**

Ukubolekwa **KWEMALI KONGENZA KWITYALA LIKARHULUMENTE.** Kukho isithintelo kwixabiso lemali enokubolekwa kwaye imali ebolekwayo iza neendleko **(INTLAWULO ZENZALA)**





## Ubusazi ?

**INKCITHO ENGENANZALA :** iIquka imisebenzi emininzi kaRhulumente efana nezempilo, imfundo, neenkonzo zoxolo nokhuseleko

**IINTLAWULO ZENZALA :** uRhulumente uhlawula inzala yemalimboleko nezinye iindleko ezimayelana nokubolekwa kwemali.

# ISETYENZISELWE NTONI IMALI KU2024/25?

Imali **EQOKELELWEYO** isetyenziswa nguRhulumente ukwenza izinto **EZIBALULEKILEYO EZIFANA** nezi :




### EZEMFUNDO NENKCUBEKO
**R480.6 billion**
iquka **imfundo esisiseko nephakamileyo, kunye noqeqesho, ezemidlalo, ubugcisa, nenkcubeko**

### UPHUHLISO LOLUNTU
**R387.3 billion**
inceda abantu bafumane imali uncedo neenkonzo **zokunciphisa intlupheko nenkxaso yabo basweleyo**

### EZEMPILO
**R271.9 billion**
inceda ekuqinisekiseni **ukuba wonke umntu unokufikelela kwiinkonzo zonyango ngokusesikweni**

### IINDLEKO ZETYALA
**R382.2 billion**
ziindleko **zokuboleka imali,** oko kuthetha ngenzala kwityala likarhulumente

### IMALI EBEKWE BUCALA
**R5 billion**
ukukhawulelana nokutshintsha kwemeko**zoqoqosho noxinzelelo olungalindelekanga kwinkcitho**

### UPHUHLISO LOLUNTU EMPHAKATHINI
**R265.3 billion**
ixhasa ukufikelela **kwizindlu kunye neenkonzo ezisisiseko, ezifikelelekayo izithuthi zikawonkewonke, kunye nophuhliso lwedolophu yokuguqulwa kwendawo**

### INKONZO YOLUNTU JIKELELE
**R74.7 billion**
inceda **ekudaleni urhulumente oxhasa ukukhula notshintsho oluhle**, njengoko kucwangcisiwe kwisiCwangciso soPhuhliso seSizwe

### UXOLO NOKHUSELEKO
**R244 billion**
kwingxowa-mali **yolwaphulo-mthetho nenkqubo yobulungisa kunye** nokhuseleko ukuqinisekisa ingqibelelo yommandla

### UPHUHLISO LWEZOQOQOSHO
**R255.4 billion**
inceda uqoqosho lukhule **kwaye lunciphise intswela-ngqesho, intlupheko, nokungalingani**

# IZIBONELELO ZENTLALO

Inkcitho yezibonelelo sentlalo iyonke yenza -**11%** kwinkcitho karhulumente iyonke ngo-**2024/25.**

## IZIBONELELO ZABEMMI ABADALA NAMAGQALA EMFAZWE ZENZA

zenza i-40% yenkcitho karhulumente-kwizibonelo

**R107 BILLION**

## ISIBONELELO SENKXASO MALI YABANTWANA

senza i-32% yenkcitho karhulumentekwizibonelelo

**R86 BILLION**

## IZIBONELELO ZENTLALO ZIZONKE

**R266 BILLION**

## EZINYE IZIBONELO

zenza i-4% yenkcitho karhulumente kwizibonelelo

**R10.4 BILLION**

## ISIBONELELO SOKUKHUBAZEKA

senza i-11% yenkcitho karhulumente kwizibonelelo

**R29 BILLION**

## UNCEDO LWENTLALO LWESIBONELELO SOKUKHATHAZEKA

senza i-13% yenkcitho karhulumente kwizibonelelo

**R34 BILLION**

*Iinombolo zisondezwe kwinqaku elikufutshane

national treasury
Department:
National Treasury
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

For more budget information visit: https://vulekamali.gov.za/
X - Treasury_RSA | LinkedIn - National Treasury RSA
Tik Tok - @TreasuryRSA | Facebook - National Treasury RSA
www.treasury.gov.za